uMbovane owonqenayo

Le ncwadi yeka

uMbovane owonqenayo_interior_final.indd 1 2017/02/08 4:49 PM



Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.

uMbovane owonqenayo
Illustrated by Unathi Dyani
Written by Cebo Solombela
Designed by Senzo Xulu
Edited by Linda Nelani
with the help of the Book Dash participants in Grahamstown on 12 November 2016.

ISBN: 978-1-928377-21-4

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

uMbovane owonqenayo

cebo solombela unathi dyani senzo xulu

Ignore indication to make Upper Case -
must be as on front cover, and it's LC there,

uMbovane owonqenayo_interior_final.indd 5 2017/02/08 4:49 PM

Kwakusehlotyeni,

~~Kusehlotyeni~~ nazo iimbovane zingumngcelele ziqokelela ukutya esixekweni sakwaMbovane.

waye

UMbovane owonqenayo ungqengqe ngomqolo phezu kwelitye ugcakamele ilanga.

uMbovane owonqenayo_interior_final.indd 7 2017/02/08 4:50 PM

Phofu unina noodade wabo
babexakekile beqokelela ukutya.

Uppercase

Wayebathi krwaqu nje! ebetha umlozi,
ebalinde ukuba bagqibe.

Lakufika ixesha lokutya wayetsiba kuqala sele elambe kade.



uMbovane owonqenayo_interior_final.indd 11 2017/02/08 4:50 PM

uMbovane owonqenayo_interior_final.indd 12 2017/02/08 4:50 PM

Wayesoloko ekhalaza xa enikwa umsebenzi ade alile kukonqena.

Wayedume ngokuthetha lonto imenze angabuyi nokutya ngexesha lokugoduka.

uMbovane owonqenayo_interior_final.indd 14 2017/02/08 4:50 PM

Ngenye imini wabhaqwa ngumama wakhe esahleli kwelo litye lakhe njengesiqhelo.

uMbovane owonqenayo_interior_final.indd 15 2017/02/08 4:50 PM

Waba nomsindo umama wakhe wamohlwaya wathi makaqokelele ukutya, azilise ingxowa ngokukhawuleza.

Wambombozela kodwa esebenza, kuba wayesazi ukuba akazi kutya xa engasebenzanga.



uMbovane owonqenayo_interior_final.indd 17 2017/02/08 4:50 PM

uMbovane owonqenayo_interior_final.indd 18 2017/02/08 4:50 PM

Lathi litshona elaloo mini ilanga yabe ingxowa izele qhu! kukutya.

Delete

!

Umama kaMbovane owonqenayo wayonwabe ngeyona ndlela ukubona unyana wakhe esebenza ngokuzinikela.

Umama kaMbovane owonqenayo walungisa isidlo sangokuhlwa esikhethekileyo ngelokubulela unyana wakhe.

UMbovane owonqenayo watya ngolonwabo kuba naye wayesebenzile ngaloo mini.

uMbovane owonqenayo_interior_final.indd 21 2017/02/08 4:50 PM

Ngentsasa elandelayo uMbovane owonqenayo waba ngowokuqala ukuvuka walungiselela umama wakhe isidlo sakusasa.

uMbovane owonqenayo_interior_final.indd 22 2017/02/08 4:50 PM

Zonke iimbovane zesixeko zazothukile, lutshintsho oluthe lwenzeka kuMbovane owonqenayo.

Wayeququzela encedisa ezo mbovane zidinga uncedo.

uMbovane owonqenayo_interior_final.indd 24 2017/02/08 4:50 PM



Abantu abakhulu besixeko bavuyisana noMbovane owonqenayo ngotshintsho oluthe lwenzeka kubom bakhe.



Ukusukela ngaloo mini, uMbovane owonqenayo wakubona ukubaluleka kwentsebenziswano.

Xa kusetyenziswana kubakho uxolo, ulonwabo, nemvisiswano.